URhulumente
weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Redewan Larney**
ICandelo eliyiNtloko leZithili
Redewan.Larney@westerncape.gov.za | 021 467 2337

Inombolo yefayili.: 28/3/9
Isalathiso: 20230322-2742

ISetyhula: 0010/2023
Umhla wokuphelelwa: 31 Disemba 2023

Iya: KuBalawuli (kwii-ofisi zezithili), kuBaphathi beeSekethe, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo nakwiiNqununu zezikolo eziziprayimari neziziisekondari.

Isishwankathelo esifutshane: *Ukuhamba isikolo kwabafundi bamaBakala 4 ukuya ku-12 ngethuba nasemva kwethuba loviwo nelovavanyo lwangaphakathi oluqhubekela esikolweni ngoJuni nangoNovemba 2023.*

**Isihloko: Ukuhamba isikolo kwabafundi bamaBakala 4 ukuya ku-12 ngethuba nasemva kwethuba loviwo nelovavanyo lwangaphakathi oluqhubekela esikolweni ngoJuni nangoNovemba 2023.**

1. ISebe leMfundo leNtshona Koloni lizibophelele ekuqinisekiseni ukusetyenziswa ngokukhulu kwexesha lokufundisa nokufunda. Njengoko ingqwalasela isekubuyiseni ixesha ekuphulukenwe nalo lokufunda, injongo yokufundisa ephambili ihleli ikukubonisa abafundi amathuba amaninzi okufunda kangangoko, kuwo onke amabakala, ukuqinisekisa ukuba abafundi balilungele kakuhle ibakala elilandelayo.

2. Kucelwa zonke izikolo nabasebenzi abakwii-ofisi zezithili ukuba bakuthathele ingqalelo oku kulandelayo:

2.1 Ngumsebenzi oluxanduva lwesikolo ngasinye ukwenza isicwangciso seprogram yesikolo ngethuba leemviwo neemvavanyo zangoJuni nangoNovemba, nasemva kwazo kude kube lusuku lokugqibela lwekota yesikolo.

2.2 <u>Kufuneka bonke abafundi bahambe isikolo ngalo lonke ithuba loviwo novavanyo oluqhubekela esikolweni</u>. Abafundi beBakala 12 baya kuba nelungelo leentsuku ezintlanu zekhefu phambi kokuqala kweemviwo zokuphela konyaka zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke zango-2023 ukulungiselela iinjongo zokufunda.

2.3 Abafundi abanako ukukhululwa phambi kwentsimbi ye-13:00 ngethuba nasemva kwethuba lovavanyo. Kubalulekile ukuba abazali nezikim zothutho lwabafundi baziswe kwangaphambili ngala maxesha ukuze bakwazi ukwenza amanye amalungiselelo ezithuthi zokuhamba ayimfuneko.

2.4 Bonke ootitshala balindeleke ukuba babe sesikolweni usuku lonke lwesikolo (iiyure ezingama-35 ngeveki) ngethuba lovavanyo, kungakhathaliseki nokuba benza imisebenzi yokugada abaviwa okanye akunjalo.

2.5 Ziyakhunjuzwa izikolo ezifundisa amaBakala 10, 11 no-12 (apho kufanelekileyo) ukuba akukho zimviwo zinokuqala phambi kowe-**31 Meyi 2023** nowe-**15 Novemba 2023.** Nakuba kunjalo, izikolo zingenza isicelo semvume yokuqala iimviwo zeprakthikhali zezifundo ezithile phambi kwexesha elibekelwe ukuqala kweemviwo, kumlawuli wesithili.

2.6 Izikolo ezifundisa amaBakala 7 ukuya ku-9 azinakuqala <u>iimviwo ezibhalwa kumsebenzi osele ufundisiwe zazo</u> phambi kowe-**07 Juni 2023** kunye <u>neemviwo zokuphela konyaka</u> phambi kowe**-20 Novemba 2023**.

2.7 Izikolo ezifundisa amaBakala 4 ukuya ku-6 azinakuqala <u>iimviwo ezibhalwa kumsebenzi osele ufundisiwe zazo</u> phambi kowe-**07 Juni 2023** kunye neemvavanyo zangoNovemba phambi kowe**-22 Novemba 2023**.

2.8 Ekupheleni konyaka, akukho viwo/vavanyo lwangaphakathi lunokuphela phambi kowe-**01 Disemba 2023**.

3. Izikolo maziqinisekise ukuba abafundi baya esikolweni yaye bagcinwa ngezifundo emva kowe-01 Disemba 2023. Ngosuku lokugqibela lwekota yesikolo, abafundi mababesesikolweni iiyure ezintathu ubuncinane nootitshala balindeleke ukuba babesesikolweni iiyure ezintlanu ubuncinane.

4. Ziyakhunjuzwa iinqununu ukuba mazingenise iithayimtheyibhili zoviwo zazo kumphathi wesekethe <u>kwiiveki ezintathu ubuncinane phambi kokuba kuqalwe uviwo novavanyo oluqhubekela esikolweni.</u> Amagosa ezithili aya kubeka esweni ukuphunyezwa kwale miyalelo.

5. Kucelwa wazise okukule setyhula bonke abasebenzi abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** B WALTERS
**INTLOKO YESEBE LEMFUNDO**
**UMHLA:** 2023-03-28


wcedonline.westerncape.gov.za
Employment and salary enquiries: 0861 819 919 | Safe Schools: 0800 45 46 47
Western Cape Education Department